

IIMASKI

Into ekufuneka uyazi

- **Imaskhi yelaphu ayithathi indawo yeMithetho emi-5 esisiSeko yoCoceko.**
- **Basenokunikezela ngokhuseleko noncedo olumandla ukunciphisa ukunwenwa kwecoronavayirasi ukuba iimaskhi zenziwe kakuhle kwaye zisetynziswe ngendlela eyiyo.**
- **Iimaskhi zelaphu mazinxitywe ngalo lonke ixesha xa uphuma ngaphandle kwekhaya lakho.**
- **IiMaskhi mazingasetyenziswa ngabantwana banemyaka engaphantsi kwemi-2.**



Ungasebenzisi izixhobo zokuphefumla zeN95 kunye neemaski zonyango. Zinqongophele, ngoko ke masizingcine ukuze zikhusele abasebenzi bezempilo abakhathalela abo bosulelw yintsholongwane yeCOVID-19.

Imigaqo emihlanu esisiSeko yoCoceko

1. Hlamba izandla
2. Sukuzibamba ubuso
3. Gcina umgama
4. Gquma umlomo xa ukhohlela
5. Uyagula? Hlala ekhaya



Imaski yelaphu elungileyo:

- Inobuncinane bemaleko emi 3:
 - Imaleko yangaphandle emibini yenziwe ngohlobo lomqhaphu ongqindilili osabu-denim, osabu-calico, olilaphu lepholstery okanye isishweshwe.
 - Umaleko ongaphakathi wenziwe ngomqhaphu othambileyo.
 - Kuphephe ukusebenzisa imathiriyeli yesikipa.
- Sebenzisa amalaphu anokuhlanjwa emanzini ashushu yaye a-ayinwe.
- Isisikwere esineepliti ezi-3 ukuze ihlale kakuhle.
- Igquma ukusuka entla kwempumlo ukuya ezantsi kwesilevu ukuya kuma ezindlebeni.

iProvincial hotline: 080 928 4102 | WhatsApp: "Hi" to 0600 123 456 | iEmail: doh.dismed@westerncape.gov.za



URhulumente
weNtshona Koloni

HLALA UKHUSELEKILE
**YIYA
PHAMBILI**

Sebenzisa imaski yelaphu ngokukhuselekileyo:

IZINTO EMAZENZIWE

- Hlamba izandla phambi kokuba uyinxibe imaskhi yakho.
- Qinisekisa ukuba imaskhi igquma umlomo nempumlo.
- Yikhulule imaskhi ukuba imanzi unxibe enye. Uyifake entweni evalwayo ude uyihlambe.
- Bamba imitya kuperha xa uyikhulula.
- Hlamba izandla ngoko nangoko emva kokuhulula imaskhi.
- Hlamba imaskhi ngesepha namanzi ashushu.
- Yomise uyi-ayine ukubulala intsholongwane.
- Ubuncinane yiba nemaskhi ezi-2 ukuze ube nayo enye ecocekileyo nelungele ukusetyenziswa.
- Nxiba imaskhi ecocekileyo mihla yonke.
- Yonke imihla nxiba imaskhi ecocekileyo.



Ukuba uyagula yintsholongwane ye-corona okanye ukhathalela umntu onayo, thetha nomsebenzi wezempi lo okanye ihotline mayelana nokuba zeziphi imaski okanye ukhuseleko ongalusebenzisa.

IZINTO EMAZINGENZIWA


Ukubamba ubuso bakho okanye ukuphatha-phatha imaskhi yakho.



Ukusebenzisa imaskhi yomnye umntu. Ukuba akunayo imaskhi, sebenzisa isikhafu okanye ibandana.



Ukuhlisa imaskhi okanye uyitsale uyehlise ukuze umlomo nempumlo yakho zibe ngaphandle.



Ukushiya imaskhi emdaka nje naphina.